ISIXHOSA

Umkhombandlela woluntu

# #RSABUDGET2019

www.treasury.gov.za | RSA Budget | #RSABudget2019

Eli phepha lipapashwe ngokubambisana phakathi kwa bakwa-National Treasury nabakwa-South African Revenue Service

ISSUED BY

national treasury
Department: National Treasury
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: (012) 315 5757
www.treasury.gov.za

IINKUKACHA

### YINTONI UHLAHLO LWABIWO MALI?

Rhoqo ngoFebruary, uMphathiswa weZemali ubhengeza uhlahlo-lwabiwo mali lukarhulumente olubandakanya indlela urhulumente azakusebenzisa ngayo imali, irhafu kunye nendlela azakuboleka imali ngayo kwiminyaka emithathu ezayo. Olu lwabiwo mali lukazwelonke lucacisa indlela ezakwabiwa ngayo imali phakathikwamanqanaba karhulumente, ukususela kuzwelonke, amaphondo nomkhandlu-dolophu.

### LUHLELWA NJANI ULWABIWO MALI?

1. Ekuqaleni kuye kukhutshwe imigaqo echaza iinkcukacha ezifunekayo kuhlahlolwabiwo-mali
2. Amasebe ka rhulumente ahlengahlengisa iinkqubo zawo, enze nengcaciso yendlela yokusetyenziswa kwemali kwanezibophelelo kwiinkonzo zezibonelelo zoluntu.
3. Iziphakamiso zemali zithunyelwa kwisebe lezezimali iNational Treasury apho ziyakuxoxwa nzulu khona.
4. Iqumrhu labaphathi jikele, (Director-Generals) bamasebe ahlukeneyo; liqwalasela ezi mfuno zemali.
5. Emva koko eliqumrhu liye licebise abaphatiswa abakumqumrhu oqengqu mali.
6. I Medium Term Budget Policy Statement, yinkcazo yomgaqo-nkqubo karhulumente yohlahlolwabiwo-mali yeminyaka emithathu ezayo.
7. Izigqibo zohlahlo lobiwo mali oligqibeleleyo zenziwa kwi Khabinethi.
8. Emva koko kubhalwa iincwadi zolwabiwo mali.
9. Ulwabiwo mali luye lubekwe phambi kwePalamente
10. iPalamente iye iyishukuxe ize iluphumeze oluhlahlolwabiwo mali.
11. Ekugqibeleni uhlahlolwabiwo mali luthunyelwa kuMongameli yena athi alutyikitye ngokwasemthethweni.



# UKUHLANGABEZANA NOMGENI KWEZOQOQOSHO NOKWAKHA ITHEMBA ELUNTWINI

**Urhulumente wenza unako nako ukuphuhlisa uqoqosho ukuze ingxowa mali ikwazi ukuhlangabezana neengxaki zelilizwe. Kukho iinguqu ezisekwayo ukuze konyuke utyalo mali kwimigodi, kwezotyelelo nakwezonxibelelwano ngeemfonomfono. Intsebenziswano phakathi kukarhulumente kunye noosomashishini yenze ukuba kubekho izithembiso zotyalo mali ezisuka kumazwe angaphandle.**

Oluhlahlo lwabiwo mali luka 2019 luzakugxininisa ekukhuliseni uqoqosho, ekwakheni ithemba eluntwini nokubhatala ityala lika rhulumente.

- Urhulumente sele eqalile ukulungisa iinkampani zikarhulumente ezifana noo Eskom ukuze kuphucuke ulawulo nedlela ekusetyenzwa ngayo. Iinguqu e Eskom zijolise ekuphuculeni umbane ozothi axhase utyalo mali nokukhula koqoqosho.

> Oluhlahlolwabiwo mali luka 2019 luzakubeka phambili imfuno zemfundo, ezamasiko nenkcubeko, ezentlalontle, ezempilo kunye nezophuhlisa uluntu

- Iinzame zokokha ngokutsha is South African Revenue Service (SARS) uMbuthi Werhafu, zisendleleni kunye nokuqeshwa kwe komishina entsha. Kubalulekile ukulungiswa kwe SARS kuba liziko lokuqokelela irhafu likarhulumente.
- Ngokubambisana noosomashishini babucala kunye namasebe ezimali, urhulumente ubeke bucala i R100 billion kuleminyaka iyi 10 ezayo ukuze kwakhiwe inkonzo zophuhliso.

Oluhlahlolwabiwo mali luka 2019 luzakubeka phambili imfuno zemfundo, ezamasiko nenkcubeko, ezentlalontle, ezempilo kunye nezophuhlisa uluntu. Kubekwe bucala imali ezokuxhasa izithuthi zikawonke, uphuhliso ezikolweni, nemali yokulungisa iilokishi kunye neepaki.

Ukususele kuhlahlolwabiwo mali lwaphakathi enyakeki ku 2018 (MTBPS), uqoqosho kulindeleke ukuba lukhule ngendlela ecothayo. Uqoqosho kulindeleke ukuba lukhule ukusuka kwi 1.5 pesenti ngo 2019 ukuya ku 2.1 pesenti ngo 2021.

Ngohlahlolwabiwo mali lwaphakathi enyakeki ku 2018 (MTBPS) uqikelelo lokukhula koqoqosho lwehiswa ukusuka ku 1.5 pesenti Ngenxa yokushokoxeka koqoqosho nokuxhasa u Eskom, uhlahlo lwabiwo mali luka 2019 lenza iinzame lokuhlisa ityala likarhulumente. Kuleminyaka mithathu iszayo u Eskom kuzafuneka axhaswe nge R23 bilion ngonyaka. Ukuze kusingathwe oluxhaso, urhulumente kuzakufuneka ahlise uchitho mali engange R50.3 billion kwezinye iinkonzo kuleminya mithathu ezayo, ngakumbi kwimali zembuyekezo. Eshiyekileyo engange R25 billion yona izakuqokelelwa kwirhafu.

Ngaphezu kwezinzame, urhulumente kumele aboleke i R243 billion ngo 2019/20, R253 billion ngo 2020/21 ne R252 billion ngo 2021/22. Ityala lika rhulumente lizinze kwi 60.2 pesenti ye (GDP) ukonyuka kwamandla oqoqosho, ingaphezulu kancinci kuqikelelo lohlahlo lwabiwo mali lwaphakathi enyakeni ka 2018. Urhulumente uzimisele ukuphatha kakuhle ityala koluqoqosho lushokoxekileyo ■



# UMYALEZO KA MPHATISWA

**Olu hlahlolwabiwo mali lubeka lubala amanyathelo ajoliswe ekuphuculweni koqoqosho lo Mzantsi Afrika, nokwehliswe nobungozi bokuntengantenga kwengxowa-mali yesizwe. Injongo karhulumente kuku khawulezisa ekwakhani uqoqosho ngendlela ezinzileyo kwa kunye nokukhula ngokulinganayo.**

Njenganongxhowa welizwe, urhulumente uzimisele ukuba imali ihlale ikwazi ukuhlangabezana neengxaki zoluntu ngokuthi anciphise uchitho mali, aqokelele imali ngokwaneleyo aze azinze ekuphatheni ityala lika rhulumente.

Konke oku kwenziwa phantsi kwee meko zoqoqosho ezinzima eMzantsi Afrika nakumhlaba wonke jikelele. Ngenxa yoku silwehlisile uqikelelo lomlinganiselo wokukhula koqoqosho kunompoposho ebesiwenzile kuhlahlo lwabiwo-mali luka October (MTBPS) ka 2018. Okukukhula kancinci koqoqosho, kubangelwa ku kushukuxeka kotyalo mali, nokunqongophala kwa mathuba engqesho, kwakunye noshokoxo kwimo yorhwebo noshishino kwilizwe jikelele.

Uqoqosho oluntengantengayo luthetha ukuba urhulumente akazukwazi ukuqokelela irhafu eyaneleyo njengoko bekubhengeziwe kwi nyanga yeDwara edlulileyo. Ngaphezu koku, ezinye zeenkampani ezinkulu zikarhulumente eziquka u ESKOM, zikwi meko emaxongo kwezemali, lonto inyanzelisa ukuba urhulumente anyuse inkxaso-mali. Ukuze kufezekiswe lenkxaso, kunyanzelekile ukuba kuthatyathwe imali kumanye amaziko okuzisa iinkonzo eluntwini. Kwenziwe umnyenyiso nakwicala lerhafu. Ukuthatyathwa kwemali kwezinye iinkonzo, kwenziwe ngendlela eza kukhusela amaziko azisa iinkozo kubemi beli abahlelelekileyo ■

# UKUPHUCULA IINKQUBO UKUZE KUPHUHLE UQOQOSHO



**Ukuphucula uqoqosho loMzantsi Afrika, kubalulekile ukuze kuveliswe amathuba emisebenzi kuziswe iingukqu kumazinga okuphila kuluntu lonke, oku kudinga iinkqubo nezakhono zikarhulumente.**

Icebo likaMongameli lokuphuhlisa uqoqosho elalipapashwe ngo September 2018, lijolise ekudaleni ubume bemeko eziqinisekisa ukuphuhla koqoqosho lwelizwe. Iinzame zokuthoba ukungathenjwa kweenkqubo zikarhulumente nezithi zenyuse izinga lokukhula koqoqosho seziqalile ukuveza iziphumo. Ezinye zeziphumo ziquka ezi zilandelayo:

- **Ukulungisa iimvume zokungena kwelinye ilizwe:** ezinesakhono sokonyusa ukundwendwelwa koMzantsi Afrika, ukunyusa utyalo mali, ntoleyo eyothi iphucule amathuba emisebenzi. Urhulumente ufake kwiphephandaba lombuso iinguqulelo kuMthetho, Immigration Act of 2002 ukuze kube lula kubatyeleli, oosomashishini bangaphandle nabatyali mali ukuba bandwendwele uMzantsi Afrika. Ezinguqu zingonyusa inani labatyeleli, inani loosomashishini notylalo mali lonto ithi inyuse amathuba emisebenzi.
- **Unxibelelwano ngeemfonomfono:** Iilayisenisi ze high-demand spectrum(ukusetyenziswa kakhulu kweemfonomfono) zizakupapashwa kulonyake, lomsebenzi ozothi ephethwe ngonyaka ka 2020/21.
- **Umgaqo siseko wezemigodi:** Iinguqu kwi Mining Charter entsha kwi Mineral and Petroleum Resources Development Act of (2002) zisaxoxwa. Bucala, iimithetho yokulawula i oli kunye ne rhasi iyaxoxwa nawo wonke umtu obandakanyeka kushishino lwe oli nerhasi.
- **Ukuthenga kuka rhulumente:** Urhulumente uqungathela uMthetho omtsha ekuthiwa yi Public Procurement Bill ozakuqwalasela indlela athenga ngayo - yaye adibanise yonke eminye imithetho yokuthenga kukarhulumente kubengumthetho omnye, uyaququnjelwa. Lemithetho izakuququnjelwa emva kokuba kuhlomlwe banzi ngayo apho iquka amashishini aphethwe ngabantu abantsundu, abantu abatsha kunye namabhinqa ■



# URHULUMENTE UZIMISELE UKUPHUCULA ULAWULO NOKUPHELISA UQHOPHOLOLO

**Ukusebenza kakuhle kwee-nkampani zikarhulumente eziquka u Eskom, Transnet kunye ne South African Airways ye-sebe lezothutho, amaziko ophuhliso, ezemibane nolwazi ngobugcisa jikelele kungeza umsebenzi oncomekayo eku-khuliseni uqoqosho nokuphuhlisa ilizwe.**

Urhulumente wenza iinzame zokuphucula iingxowa nokusetyenziswa kwemali kwii nkampani zikarhulumente ezisokolayo ngokuthi aseke ibhunga leenkampani zikarhulumente eliquka uMongameli. Elibhunga lizakuqwalasela imisebenzi yeenkampani zikarhulumente ze ilawule ekuveliseni iinguqu ezifunekayo. Urhulumente uzakuqasha abaphathi abatsha kwiinkampani zikarhulumente ezikhethekileyo ukuze kuphucuke ulawulo ze kufunyanwe indlela yokohlwaya abazebenzi bezinkampani ababandakanyeka kuqhophololo ■

# AMALAPHU WOCOCEKO WAMANTOMBAZANA KWIZIKOLO EZIHLUPHEKILEYO



**Ngonyaka ka 2019/20, urhulumente uzakuzisa isibonelelo samalaphu okuzikhusela exesheni kwizikolo ezihlelelekileyo kwelilizwe (quintiles 1, 2 and 3).**

Kubekwe bucala i-R157 million kunyaka ka 2019/20 evela kwimali eyabelwa amaphondo. Iziphumo zonyaka wokuqala yesisibonelelo zizakusetyenziswa ukuqikelela ixabiso lawo wonke lomsebenzi kwiminyaka embalwa elandelayo ■

# UKUSONDEZA UHLAHLO LWABIWO MALI ELUNTWINI

**Ngokusebenzisana neenkonzo zoluntu eziquka IMALI YETHU, urhulumente uyaqhubeka ukufundisa uluntu ngolwabiwo nokusebenzisa imali ngokuthi andwendwele uluntu kwiingingqi zalo.**

Ukususela ku February 2018, mhla iphaphashwa i Vulekamali, iyeyona ndawo ifikelelekayo apho uluntu lufunda banzi ngohlahlo lwabiwo mali. Iinkcukacha ezithe vetshe ngezemali, kwakunye nemisitho ekufutshane nawe, ndwendwela ku **www.vulekamali.gov.za** ▪



# UTYALO MALI KWII NKONZO ZOPHUHLISO ZIKARHULUMENTE



**Amazinga obhaliso aye anda kwiiyunivesithi zikarhulumente kwiminyaka eyi-15 edlulileyo. Kodwa iindawo ezifikelelekayo kwaye ezikhuselekileyo apho banokuthi bahlale khona abafundi zinqabile.**

Ngonyaka ka 2019/20, urhulumente uzokubeka bucala i R105 million yesibonelelo sezindlu zabafundi ebizwa nge Student Housing Infrastructure Programme, ukuze kufezekiswe izibonelelo ezikwezindawo zintathu, Sefako Makgatho Health Sciences University, Nelson Mandela University ne Vaal University of Technology. Kuleminyaka eyi 10 ezayo, esisibonelelo sizimisele ukubonelela ngeebhedi ezintsha eziyi 300 000 kwi university eziyi 26 nakwi TVET colleges (ii colleges eziqeqesha abantu abanobizo) eziyi 50. Esisibonelelo siphantsi kohlahlo lwabiwo mali lezophuhliso ukuphucula izinga lochitho mali kwiinkonzo zophuhliso olalubhengezwe kwi MTBPS 2017 (uhlahlo lwabiwo mali lwaphakathi enyakeni).

Ngonyaka ka 2018 uMongameli wabhengeza imali yophuhliso ukuze kuguqulwe iinkonzo zophuhliso. Lenkqubo ikhuthaza intsebenziswano phakathi kweenkonzo zikarhulumente kunye noosomashishini. Urhulumente uzakuxhasa eliqummrhu ngemali engange R100 billion kuleminyaka eyi 10 ezayo. Ngokuxhaswa yi National Treasury, i Development Bank of Southern Africa izakukhokhela ukubhatala eliqumrhu ngosomashishini namanye amasebe ezemali (Development Finance Institutions) ▪

# UKUBONELELA ABAHLUPHEKAYO NGEZENTLALONTLE


Ngonyaka ka 2019/20, urhulumente uzakonyusa inkxaso mali yabantwana nge R20 ngenyanga, ze eyabagcina abantwana abangengobabo inyuke nge R40 ngenyanga, kwaye inkxaso mali yabadala izakonyuka nge R85 nge nyanga.

Ngonyaka ka 2021/22, i 18.6 million yabemi beli izakube ifumana isibonelelo sikarhulumente kwaye abafumana inkxaso mali yabantwana baqikelelwa ukuba bazakubayi 13.1 million ze abafumana inkxaso mali yabadala bazakufikeleleka ku 3.9 million ▪


| UKUBONELELA NGEZENTLALONTLE | 2018/19 | 2019/20 |
|---|---|---|
| INKXASO MALI YABANTU ABADALA | R1 695 | R1 780 |
| INKXASO MALI YABANTU ABADALA ABANGAPHEZU KWE 75 | R1 715 | R1 800 |
| INKXASO MALI YAMAGORHA EMFAZWE | R1 715 | R1 800 |
| INKXASO MALI YABANTU YABAKHUBAZEKILEYO | R1 695 | R1 780 |
| INKXASO MAIL WABAKHULISA ABANTWANA ABANGENGOBABO | R960 | R1 000 |
| INKXASO MALI YABAGCINA IIMBEDLENGE | R1 695 | R1 780 |
| INKXASO MALI YABANTWANA | R405 | R425 |

# IVELA PHI IMALI KARHULUMENTE KWAYE IZAKUSETYENZISWA NJANI NGO 2019/20


### URHULUMENTE UYIFUMANA NGOLUHLOBO IMALI NGO 2019/20




### IZAKUSETYENZISWA NGOLUHLOBO IMALI NGO 2019/20




# IMALI- MBOLEKO KARHULUMENTE EZALAYO NENGAZALIYO AYOTHI URHULUMENTE AYIBHATALE




* Imali engazaliyo yinxalenye yemali athi urhulumente ayibhatale ngaphandle kwendleko ezibhatwalwa kwimali mboleko.

# 2019 IZICWANGCISO ZERHAFU

SARS At Your Service

**Irhafu ebhatalwa ngabasebenzi**

## IINGUQU KWIRHAFU YOMVUZO ZIKUCHAPHAZELA NJANI?

Oluhlahlo lwabiwo mali luka 2019 luza neenguqu kwirhafu yomvuzo. Umvuzo werhafu uquka umyenyiso kumazinga aphantsi amathathu erhafu ukuze kuthomalale ulwamvila lokunyuka kwamaxabiso. Umvuzo umtu athi awurhole phambi kokuba anyanzeleke ukuba ahlawule irhafu unyenyisiwe ngoluhlobo kunyaka oqala 1 March 2019 ukuya ku 29 February 2020.

| AMANQANABA ERHAFU | UNYAKA: 2018/19 | UNYAKA: 2019/20 |
|---|---|---|
| Abagaphantsi kweminyaka eyi 65 | R78 150 | R79 000 |
| Abaminyaka eyi 65 ukuya ku 74 | R121 000 | R122 300 |
| Abamiinyaka eyi 75 nangaphezulu | R135 300 | R136 750 |

*Imali entsha yomrholo emiselwe ukuba umntu angabhatala irhafu izakunyuka xakubuyiswa imali yerhafu.*

| IRHAFU YOBUYISO MALI | UNYAKA: 2018/19 | UNYAKA: 2019/20 |
|---|---|---|
| Eyokuqala (kubantu abaminyaka engaphantsi kwe 65) | R14 067 | R14 220 |
| Eyesibini (kubantu abiminyaka eyi 65 ukunyuka) | R7 713 | R7 794 |
| Eyokugqibela (kubantu abiminyaka eyi 75 nangaphezulu) | R2 574 | R2 601 |

**Irhafu yomdiliya omfaxangiweyo necuba**

## UKUNYUKA KWERHAFU KWIZISELO ZOMDILIYA OMFAXANGIWEYO KUNYE NE CUBA

Iirhafu ezithile kumdiliya omfaxangiweyo zizokonyuka phakathi kwe 7.4 ne 9 pesenti.

| UKUNYUKA KWERHAFU KUHAMBE NGOLUHLOBO: | KUZONYUKA NGE: |
|---|---|
| Ibhiya | 12c inkonxa engu 340ml |
| Iwayini engamfaxangwanga | 22c ibotile engu 750ml |
| Iwayini emfaxangiweyo | 37c ibotile engu 750ml |
| Iwayini ehlwahlwazayo | 84c ibotile engu 750ml |
| Utywala obenziwe ngeziqhamo | 12c ibotile engu 340ml |
| Ezikrakrayo | R4.54 ibotile engu 750ml |
| Icuba | R1.14 ipakethi ena 20 |
| Icuba elingumgubo | R1.29 engu 50g |
| Icuba lenqawa | 45c engu 25g |
| Ii- Cigars | R7.41 engu 23g |

**Amazinga erhafu**

### AMAZINGA AMATSHA ERHAFU

*Irhafu ezakubhatalwa ngumtu ngamnye kulonyaka-rhafu ophakathi kwe 1 March 2019 ne 29 February 2020.*

| Irhafu yomvuso (R) | Irhafu ehlawulwayo (R) |
|---|---|
| 0 – 195 850 | 18% yomvuzo |
| 195 851 – 305 850 | 35 253 + 26% yomvuzo ongaphezu kwe 195 850 |
| 305 851 – 423 300 | 63 853 + 31% yomvuzo ongaphezu kwe 305 850 |
| 423 301 – 555 600 | 100 263 + 36% yomvuzo ongaphezu kwe 423 300 |
| 555 601 – 708 310 | 147 891 + 39% yomvuzo ongaphezu kwe 555 600 |
| 708 311 – 1 500 000 | 207 448 + 41% yomvuzo ongaphezu kwe 708 310 |
| 1 500 001 nangaphezulu | 532 041 + 45% yomvuzo ongaphezu kwe 1 500 000 |
| Ii thrasti ngaphandle kwezo zikhethekileyo | izinga lerhafu 45 % |

### IRHAFU YENGENISO: IINKAMPANI

*Unyaka mali ophela nangaluphi na usuku phakathi kuka 1 April 2019 no 31 March 2020.*

| Uhlobo | Izinga le rhafu (R) |
|---|---|
| Iinkampani | 28% yengeniso ehlawulelwa irafu |

### IRHAFU YENGENISO: AMASHISHINI AMANCINANE

*Unyaka mali ophela nangaluphi na usuku phakathi kuka 1 April 2019 no 31 March 2020.*

| Irhafu yomvuzo (R) | Izinga le rhafu (R) |
|---|---|
| 0 – 79 000 | 0% yengeniso ehlawulelwayo |
| 79 001 – 365 000 | 7% yengeniso ehlawulelwayo engaphezu kwe R79 000 |
| 365 001 – 550 000 | R20 020 + 21% yengeniso ehlawulelwayo engaphezu kwe 365 000 |
| 550 001 nangaphezulu | 58 870 + 28% yengeniso ehlawulelwayo engaphezu kwe 550 000 |

### IRHAFU YENGENISO: AMASHISHINI AMANCINCI KAKHULU

*Unyaka mali ophela nangaluphi na usuku phakathi kuka 1 March 2019 no 29 February 2020.*

| | |
|---|---|
| 0 – 335 000 | 0% yengeniso ehlawulelwayo |
| 335 001 – 500 000 | 1% yengeniso ehlawulelwayo engaphezu kwe 335 000 |
| 500 001 – 750 000 | 1 650 + 2% yengeniso ehlawulelwayo engaphezu kwe 500 000 |
| 750 001 nangaphezulu | 6 650 + 3% yengeniso ehlawulelwayo engaphezu kwe 750 000 |

**Irhafu yamafutha eenqwelo**

## UKUNYUKA KWE RHAFU YAMAFUTHA EENQWELO

Irhafu yamafutha eenqwelo izakonyuka nge 15c ilitha kwaye irhafu yengxowa yeengozi zendlela izakonyuka nge 5c. kuzotsho konyuke irhafu ngoluhlobo:

- Irhafu yamafutha eenqwelo izakuya ku R3.52 ilitha ye petrol ibeyi R3.37 ilitha yedizili*
- Irhafu yengxowa yeengozi zenqwelo izakubayi R1.98 ilitha ye petrol kunye neyedizili*
- Irhafu yomoya ophuma kumafumatha eenqwelo izakuba yi 9c ilitha ye petrol ibeyi 10c ilitha yedizili ukuqala ku 5 June 2019

** Ezirhafu zinyusiweyo zizakuqala ngomhla ka 3 April 2019.*